


NAMHLANJE ESI

SIBHALO SIZALISEKILE

 Enkosi, Mzalwana uDemos, Mzalwana uCarl. Shakarian, okanye, uDemos Shakarian kunye noMzalwana uCarl Williams, nabathunywa, nonke. Ndinga nje laa mzalwana, umlimi apha, ukuvakalisa nje oko bendifuna ukukutsho, ngobu busuku, okokuba nje uthabathe intetho yam kanye kum. Ngokuba, bendikowabele oku, ndiyakholwa, le nkomfa, ngaphezu kwayo nayiphi inkomfa endakhe ndakuyo. Andizange ndibone, nakweyiphi inkomfa, eninzi imvisiswano kunye nobunjalo ubudlelwane benene nothando lobuzalwana. Enye into endiyenzileyo, ndidibene nabaninzi abathunywa abatsha beZulu, abazalwana abatsha endithe ndaba nenyhweba yokuxhawula izandla nabo nokuthetha nabo.

² Nje ubusuku obumbalwa obugqithileyo, bendiphulaphule kumzalwana womBhaptizi ehleli ngaphaya. Andinakho ukulingana igama lakhe. [UMzalwana uShakarian uthi, “Irvin.”—Mhl.] Irvin. Kwaye uzise ikhadi kum. . . Ndiyakholwa ngu anti wakhe, ohleli apha ngobubusuku. Ube enela khadi lokuthandazelwa amashumi amabini athile eminyaka.

³ Wayeziswe emhlanganweni, esifa sisifo, esinokuthi mhlawumbi ugqirha owayenokusichaza ukuba siyintoni. Yinto enje ngeqhenkqa, kodwa asiloqhenkqa. Wena nje. . . Kukho utyando, banakho ukusika oluthile uhlobo lomsipha khona apha, okanye into ethile, kodwa ubeyakuba nje ngesityalo, ubeyakufanela ahlale phaya. Kwaye ngelixa ehleli phaya, mhlawumbi ikhadi lakhe lingabizwanga okanye kwanto, angakhangabe kumgca wokuthandazelwa, uMoya oyiNgcwele wandikhokelela kuye. Kwaye usemva phaya ngobu busuku, uphilile, kwaye sinombulelo kakhulu ngokuya. I. . .

⁴ [UMzalwana uShakarian uthi, “Mzalwana, ndicinga—ndicinga uHoward Irvin wayengaphaya ethetha nawe, kodwa ndicinga u—anti ulapha. Mhlawumbi singamenza aphakame.”—Mhl.] Ungephakama, u—u—anti ka. . . [“Nankuya. Wangazelisa isandla sakho. Wangazelisa isandla sakho.” Ibandla liyancoma.]

⁵ UThixo akusikelela, dade wethu, ngokholo lwakho olukhaliphileyo kuNyana kaThixo. Wanga angakugcina uphilile kude kube lilixa Yena akubizela eKhaya, xa lona unakho ukufa uthabatha ongenakho ukufa. Ndibulela kakhulu ngokuya, ukucinga wabamba elakhadi ngayo yonke le minyaka ngoku, kwaze emva koko weziswa apha kum kwaye waboniswa kum ngobubusuku. Niyazi, bendisithi, kunje ngesonka phezu

kwamanzi, siyabuyela kuwe, xa uzama ukwenzela into ethile omnye ongomnye.

⁶ Ngoku, ndibenayo kananjalo inyhweba yokudibana nabaninzi baba balungiseleli balungileyo, kwaye ndincoma kakhulu ubudlelwana babo obuhle, le ntebenziswano. UMzalwana uCarl undipapashile ukuba ndibuye kunyaka olandelayo, ukuba iNkosi ithandile, kwaye silapha emhlabeni. Kwaye, ke, ndithemba ukudibana naye wonke ngamnye wenu apha kunyaka olandelayo kwakhona, kwaye ngamnye azisa omnye ummeli kunye naye.

⁷ Ngoku kukho nje into enye endingathanda ukuyitsho into encinci malunga, mhlawumbi nje okwethutyana.

⁸ Ngokuba, uGqirha Reed uzakuthetha emva kwa ngoku, kwaye ndize ukusuka kude ukuza apha ngobu busuku, ndineemayile ezingamakhulu amabini anamashumi amahlanu endithe nda... ukwenza olu hambo, ukuza kuva uGqirha Reed. Kwaye okuthile kwenzekile ngethuba eligqithileyo endiyakuthi... Kodwa—kodwa, uGqirha Reed, ndiyakuqhuba amawaka eemayile ukuza kumva. Kodwa into ethile ye... Kusukela ndilapha, ndingaqhuba amawaka eemayile nje ukuza kuva oko ndithe ndakuva kwithutyana eligqithileyo, enjalo ukumangalisa into, okuthile inyama negazi enganakho ukukutyhila. Kuthabatha uMoya oyiNgcwele ukuyenza. Kwaye ukubona umntu othile okhuthaze ubomi bam ngendlela enjalo, kwaye ndiyakuba nombulelo kakhulu bonke ubomi bam.

⁹ Ebendifuna ukukutsho, ku—ku, ukuba kungafuneka ndibe notyando, biza ugqirha wezempilo, u—uze kum, Gqirha Reed, kanye ngoko. Ndi—ndingayithemba indoda ityande, ukuba kufuneka ndibe nalo, izandla ezikholelwayo kuThixo, ezo—ezo ziyakuba zizo endiyakufuna zisebenze kum. Kwaye ke si... Ndiyathemba andisayi kufuneka ndibe nalo. Kodwa ukuba ndiyafuneka, ndiyakufuna yena, okanye indoda efana naye, yokwenza umsebenzi, ukuba akanakuba phaya.

¹⁰ Ndibe nento ekufuneka yenzeke kubusuku obugqithileyo, yokuba, okanye izolo emva kwemini, gxebe, ngahlobo luthile ebingaqhelekanga kum. Kwaye ndiyakuba mfutshane, ngokuba andifuni kuthabatha ixesha lomzalwana wam, njengoko ezakuthetha. Kodwa ndicinga luhlobo lokuhambisana nolungiselelo lwam.

¹¹ Ndi—ndiyazibukela izinto ezincinci. Nje yonke into encinci inentsingiselo, kum. Andikholelwa ukuba nantoni yenzeka nje ngebhaqo kumKristu. Ndinga imiselwe nguThixo, kuba uYesu wathi Uyakwenza zonke izinto zisebenziselane okulungileyo kwabo abamthandayo. Ke ngoko ndiyakholwa ukuba yonke into encinci ku—kulungiselelo oluncinci oluthobekileyo athe Yena wandinika lona, ukunceda nina bantu, ukunceda wonke ubani, kwaye nina nonke niluncedo kum, ukuncedana omnye nomnye

ukufika eLuzukweni. Koko, yonke into encinci inentsingiselo, kum. Kodwa kwakunzima kum ukukhokelelwa lonto, izolo emva kwemini, xa bendilahlekelwe ngumxholo wam phezulu apha. Ndi—ndiyanixelela, andizange ndifumaneke kangako ebomini bam. Kwaye, ngoko, owam—owam umfazi undinike iBhayibhile entsha ukwenzela iKrismesi.

¹² Eyam endala yayiphelile. Ndibe nayo phantse amashumi amabini eminyaka ngoku, yanikezelwa kum ngabantu beHouston Gospel Tabernacle, kwiminyaka emininzi eyaqithayo, xa ndaqalisayo ngemikhankaso. Kwaye ke nje mna, ndiyixabisile kakhulu, kwaye ndi...amacwecwe namaphepha, okunqumla ulwandle, najikelele, kude ndi... iyaphasalaka. Ndithatha iphepha mhlawumbi kwiGenesis, kuze kufuneke ndijonge emva kwiDutoronomi ndaweni ithile ukuze ndiyifumane, uyazi, apho ndalifaka nje khona emva eBhayibhileni. Ke, wandifumanela enye ukwenzela iKrismesi. Kwaye ndakuthiya ukubekela bucala iNcwadi endala, ibe yethandekayo kakhulu kum. Ndathi, “Ukuba ndihambile ngaphambi kokuza kukaYesu, yibekeni Yona kum. Mayihle nam Lena, kwaye ndiyakubuya ndinyuke naYo xa sibuya sinyuka.” Ke ngoko, leyo yimbono yam, kakade.

¹³ Njengoko ndandiqhele ukubalisa ibali elincinci. Ndithemba oku akuhlambeli inkolo. Kodwa ndaya...Indoda yandixelela ngelinye ixesha, ndiyakholwa yayinguMzalwana u-Earl Prickett, umhlangano phezulu eNew York; kwaye ndahlangana nendoda, yathi, “Yitsho, yintoni oyenzayo kunye naba somashishini, ekubeni ungumshumayeli?”

Ndathi, “Ndingusomashishini.”

Yaze yathi, “Hlobo luni lweshishini okulo?”

¹⁴ Ndathi, “Ashorensi.” Ngoku, yacinga ndithe, “inshorensi,” yabona. Ke ndathi, “Ashorensi.”

Yathi, “Owu, hlobo luni lwe inshorensi oluthengisayo?”

¹⁵ Ndathi, “Ubomi obunguNaphakade.” ObunguNaphakade! Ndathi, “Andiyithengisi Yona. Ndingonepolisi, buqu, kwaye ndizama ukumisela Yona kwabanye.”

¹⁶ Khumbula inkwenkwe endandisiya nayo esikolweni, ngelinye ixesha, kwaye yayingumthengisi we-inshorensi. Ngoku, i-inshorensi ilungile, kodwa andinayo nenye. Ngoko, ke yeza endlwini yam, yaze yathi, “Billy, ndingathanda ukukuthengisela i-inshorensi ethile.” Yathi, “Ndiyamazi umntakwenu.” Umntakwethu uthengisela uMetropolitan. Yathi, “Kuhle,” yathi, “ndinga, ndingathanda ukuthengisela i-inshorensi ethile.”

Ndathi, “Owu, Wilmer, enkosi.”

17 Kwaye uya . . . ingaba ilapha ngobu busuku, umntakwayo, ubhala amanqaku kwi *The Upper Room*, incwadi, *The Upper Room*. Ke yona . . .

Ndathi, “Ndinayo i-ashorensi.”

Yathi, “Intoni?”

18 Waze umfazi wam wajonga kum ngokungathi ndandingumhanahanisi. Yena . . . ndaze ndathi . . . Ke umfazi wathi, “Billy?”

Ndaze ndathi, “Ewe, uh-huh, ndinayo i-ashorensi.”

19 Yaze yathi, “Owu, ndi—ndiyaxolisa,” yathi, “bendingazi . . . Ndivile ukuba ubungenayo i-inshorensi.”

Ndaze ndathi, “Hayi, ndine ashorensi.”

20 Yaza—yaze yandifumana, oko ndandikutsho ngoko. Yathi, “Ubusithini?”

“Ndathi, ‘Ashorensi.’”

Yaze yathi, “Kulungile, uthetha ukuthini?”

21 Ndathi, “Isiqinisekiso esisikelelweyo, uYesu ngowam; owu, esinjani isikhokeliso-ngcamliso zozuko oluNgcwele! Ndiyindlalifa yosindiso, othengiweyo nguThixo; ozalwe nguMoya Wakhe, ohlanjwe eGazini Lakhe.”

22 Yathi, “Billy, uyayazi ndikuxabisile oko.” Yathi, “Yinto elungileyo kakhulu leyo. Kodwa,” yatsho, “nyana, oko akuyi kukufaka apha emangcwabeni.”

23 Ndathi, “Kodwa Iyakundikhupha.” Andoyiki . . . [UMzalwana uBranham nebandla bayahleka—Mhl.] Andikhathazwa malunga nokungena; kukuphuma, yabona. Ke ndicinga yindlela esisiva ngayo malunga nayo.

24 Kubusuku obugqithileyo, xa ndathabatha laaBhayibhile, kwaye ndingenakho ukufumana lamxholo. Ndaza ndathabatha laaBhayibhile intsha. Mna ndiyifunda kwendala, ndaza ndathabatha entsha ndayifaka phantsi kwengalo yam ndaza ndabalekela apha. Ndaza ndatyhila kula ndawo, ndaza ndacinga, “Kuhle, apha, ndiyakholwa yayinguYohane oNgcwele 16:21,” kwaye yayingeyondawo yokufundwa konke konke.

Ndathi kuMzalwana uMoore, “Ingaba oko kulapho kukhoyo?” “Ewe.”

25 Ndaza ndajonga ngasemva, kwaye yayingekho apha. Ke ndacinga, “Kuhle, banephepha elingekhoyo kuyo—iphepha kuyo.”

26 Waze umzalwana wam apha weza, uMzalwana uStanley, weza ngapha; uBhishop Stanley, gxebe. Kwaye andazi yayithetha ntoni indoda, nda . . . Yayiyeyengako intuthuzelo, kakade. Wenyukela kufutshane ecaleni kwam, waze wathi, “Yima ngxi, mzalwana, uThixo mhlawumbi uza kwenza into

ethile.” Yabona? Kwaye oko nje kwandikhuthaza, ukucinga ukuba angatsho oko.

²⁷ Ndiyamangala ukuba waqonda ukuba waprofeta? Kodwa ekuthetheni naye kwithuba elimbalwa eligqithileyo, nje ngaphambi kokunyukela apha, ndiqinisekile wenzile.

²⁸ Ke ndiyizisile kuMyalezo wam phezu kwe*Ntlungu Zozalo*, nanjalo njalo. Kwaye indlela ekrwada yam encinci yokuyenza, malunga nenyibiba; nendlela ethi izalwe ezantsi kwaye iveliswe, kwaye iphume, ize itsale ilanga, amaqabaza ombethe, nanjalo njalo. Kuze emva koko ukonakala koko ifanele ifele ikuko, ukuzalelwa kuko, gxebe, ukuphuma. Kwaye ndandizama ukwenza umzekelo webandla.

²⁹ Kanye nje ngogqirha apha, ukuba ufuna ukunyanga isigulane. Sinoogqirha namhlanje abathi, “Ungakhuhla unyawo lwakho, kumva wesithende, uze uphilise umhlaza ebusweni bakho, uyabona.” Kodwa olungileyo ugqirha akasayi kuphulaphula kwinto efana naleya. Unyanga isigulana ngokwencwadi ayifundayo kuphando lwamayeza.

³⁰ Kwaye leyo yindlela endizama ukuyenza ukunyanga isigulana. Xa ndibona ibandla ligula, andifuni kuzama ukubaxelela ukuba bafuna uxhawulo zandla olutsha okanye into ethile, umbutho omtsha. Kufuneka ndilinyange ngokweNcwadi e—endiyaziyo, yabona. Kwaye ke xa ndibona ibandla, likhangeleka lifunyanwa yirhashalala, ndifuna ukuthabatha kwa loMmiselo ndicinga ulungile, kwaye iyeyerhashalala, ukuyikhupha ebandleni; xa ndibona isono sivumbuluka kulo, yindlela ekwanye!

³¹ Ndizame ukwenza uthelekiso ngo Esawu noYakobi, kwaye emva koko ndizise amaxesha ezantsi. Kwaye andisayi kuya kokuya. Kodwa ukuyizisa ezantsi kwindawo yokugqibela kwiSibhalo sam sokugqibela ukuyisebenzisa, yayikukuyithelekisa, hayi ngokungekho ngokwesibhalo, kodwa njengoko uYesu wathi iyakubanjalo, oko uGqirha ongoyena athe imeko yebandla ifanele ibeyiyo, kulemihla yokugqibela, “Iyakuba yiLawodike; elityebile, eliyimfama, ize, ihlwempu lebandla,” kwaye liyakuthelekiswa kunye nemihla yaseSodom. Ngoko, siyazi ukuba oko yiNyaniso. Ukuba uyayiqaphela, ngokwembali, Wazisa imihla kaNowa, kuqala, kwaze emva koko imihla yeSodom. Kwaye oko yindlela nje eyihambileyo, nje into ekwanye.

³² Kwaye imbali, ithe kumatyeli amaninzi, yaziphinda, imbali iyakwenza, kwaye zenza—zenza njalo izithembiso zeBhayibhile. Umzekelo, njengakuMateyu 3, apho ithe, “Ndambizela ngaphandle kweYiphutha unyana waM.” Ngoku ukuba uthelekisa isalathiso kokuya, yayinguYakobi, unyana Wakhe, Wambiza ukuphuma eYiphutha; yayingunyana Wakhe omncinci. Kodwa uNyana Wakhe omkhulu, uYesu, wabizelwa

ngaphandle kweYiphutha, naye. Ke yayine—nempendula equkayo.

³³ Ke, kwaye ekubeni njengoko babehamba bethetha malunga nokuya, kwaze emva koko ndazisa iingcinga zam zokuya. Ndaza ndaphuma kwi...ngaphandle eqongeni, ndemka. Abantwana bam, sigoduka, bafuna ukumisa apha ndaweni ithile, ukufumana isandwenji. Ndaza ndangena ngaphakathi, umfazi wathi, “Billy, bendiphakuphaku kakhulu bendingazi emandikwenze.” Wathi, “Ndikunike laaBhayibhile.”

³⁴ Ndathi, “Akuzange uyibhale, kwaye ungazange uyihlanganise, sthandwa.”

³⁵ Wathi, “Kodwa, nje ukucinga, ndi—ndikunike iBhayibhile enegxeke kuyo.”

Ndathi, “Kuhle, mhlawumbi ibingekuko.”

³⁶ Kwaye omnye wabantwana wayithabatha, kwaye besiyakuva ngokubamba amaphepha. Hayi, yakhangeleka lungileyo. Kodwa kanye emazantsi, yayingamaphepha amabini encamathelene, yabona, kwaye isahluko se-16 yaphumela kwelinye icala, kwaye inkqubekeko yesahluko se-16 saphuma kwelinye icala. Kwaye ese-17 saqalisa kwi... yabona, igqibelele nje, ngokuchanekileyo ngokufanayo, ukunqumleza. Kwaye elaphepha lesi-Indiya, linciphe kakhulu, licamathelene, kwaye ndandifunda okuphuma kwisahluko se-17 lonke ixesha, endaweni ye-16 isahluko.

³⁷ Kwaye ndacinga, “Thixo, kutheni ukwenzile Ukwenzile okuya? Kutheni kubenokubakho into enjeya ngoku?” Ndim ndivakalelwa, niyazi, ukubona oko ibi malunga nako, kuba ndicinga akukhonto izenzekelayo ngebhaqo. Kwaye ndandicinga malunga nentuthuzelo yalomzalwana apha, esiza, endixelela, “Yima ngxixi, yena ekubeni engumpristi, ‘yima ngxixi, mhlawumbi uThixo uzakwenza into ethile,’” okanye into ethile ngolwa hlobo. Kwaye ndacinga, “Ingaba njalo njani lanto?”

³⁸ Kwaye emva koko, ndihleli phaya, njengesithonga sendudumo siphuma eZulwini yeza kum. Ngoku, oku kungangenzi ntsingiselo kuni, kodwa iyayenza kum, yabona.

³⁹ Ndiyakhumbula, kuLuka isahluko sesi-4, okokuba uYesu wangena kwindlu yesikhungo eNazarete, apho wayekhuliselwe khona, njengesiko Lakhe yayikukuya ebandleni ngo... kwindlu yesikhungo, ngeSabatha. Kwaye xa Wakwenzayo, siyaqaphela phaya ukuba umbingeleli waMnika iBhayibhile, iNcwadi esongwayo. UYesu, ejonge kwiNcwadi esongwayo, wafumana ndawo ithile, u-Isaya 61, waze Wafunda iSibhalo. Emva koko Wabuyisela iBhayibhile kumlungiseleli. Kwaze njengoko Wayejika ejonga esihlweleni, onke amehlo aye kuYe. Waza Wathi:

... Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile...

⁴⁰ Kwaye siyazi indlela olwalungaqhelekanga ngayo olwa fundo lweSibhalo, ngokuba Wathabatha nje indawana kowo-1 nowe-2 umqolo, ka-Isaya 61:1 ne-2. Kodwa Wafunda nje kangaka, apho, “UMoya weNkosi uphezu kwaM, ukubopha abantliziyo zaphukileyo, noku—uku (ukunika) ukuphilisa abagulayo, nokuvula amehlo abamfamekileyo, nokushumayela umnyaka owamkelekileyo weNkosi,” waze emva koko Wema. Kuba, okulandelayo yayikukuzisa umgwebo; oko kwakuyakwenzeka eKuzeni Kwakhe kweSibini, hayi ukuza Kwakhe kokuqala. Kwaye Wema, waza wajika, wathi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.” Indlela okwakungqale ngayo okuya!

⁴¹ Kwaye enjani i—enjani i—intetho eyayiyiyo kubefundisi nakubantu ababekhona, okokuba Abe nokukwenza oku kucace ebantwini, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.” Kuba nanko Elapho, uMesiya, noko babengayikholelwa. Nanku Elapho, Othanjisiweyo weyure. Lonke isuntswana lolungiselelo Lwakhe, ukusukela ekuzalweni Kwakhe ukunyuka, lwabonakalisa oko Wayekuko, kwaye noko babengenakho ukuyikholelwa. Enjani intetho! Kodwa Wayenokutsho namhlanje. . .

⁴² Kwaye ukuba umntu wavula amehlo abo, babenokwazi, ukwazi umhla ababephila kuwo, kubo leyo yayiyiyure Yakhe, kuba Wayelapho kanye phaya esenza oko iSibhalo, bonke abaprofeti, baktushoyo ukuba kuyakwenzeka ngalaa mhla. Nanko Elapho esenza nkqo oko uThixo akuprofeteleyo kuyakwenzeka! Bakuphosa njani ukukubona oko? Kwakufanele bazile kwamsinya, ukubona oko ulungiselelo Lwakhe lwalukuko. Nanko uMesiya. Babeyakuyazi, ngokuba Wathi, “ISibhalo zizalisekile.”

⁴³ Ndiyacinga namhlanje. Kwaye qaphela oko okwakuko njengoko u—umbingeleli enikezela iLizwi. ILizwi lafundwa, lwabuyiselwa kumbingeleli. Kwaye uchatshulo lokugqibela oluphuma kumxholo wam endinawo, kwaye iZibhalo zam zibhalwe phantsi, yayinguLuka oNgewele 17:30, apho, uYesu ebhekiselele kulo mhla esiphila kuwo, “esityebile, Isigaba iLawodike,” kwaye noko sibolile kwezopolitiko, upolitiko lwebandla nopolitiko lobuzwe, zibole nje kunokuba zinganjalo. Kwaye emva koko Wathi, “Njengoko kwabanjalo ngemihla kaLote, kuyakubanjalo ekuzeni kwexesha lesiphelo,” qaphela oko Wakutshoyo phaya, “kumhla apho uNyana womntu ayakutyhilwa.”

⁴⁴ Yabona, “Kwimihla apho uNyana womntu ayakutyhilwa!” Ndifuna ukutsala ingqwalasela yena.

⁴⁵ Yabona, Weza ngamagama amathathu. Weza njengoNyana womntu, ntoleyo yayingumprofeti. Kwaye oko koko Akwenzileyo, Waqondakalisa ulungiselelo Lwakhe, ngokuba ngumprofeti. Sonke siyakwazi oko. Wonke ubani kuthi uyayazi.

Akazange athi wayenguNyana kaThixo; Wathi WayenguNyana womntu. Ngoku, namhlanje, UnguNyana kaThixo, ntoleyo Wabuyela emva, kwaye ngoku Ukwimo kaMoya oyiNgcwele, ongabonakaliyo uMntu; kodwa kananjalo, uThixo, uNyana kaThixo. KwiMillennium, Uhlala phezu kweTrone kaYise, ngoko uyakuba nguNyana kaDavide. Wazityhila Yena kuqala njengoNyana womntu, umprofeti; esi sigaba, ngesigaba sebandla, uNyana womntu. . .okanye uNyana kaThixo; kwaye kwesi sisesinye isigaba, uNyana kaDavide. Oonyana abathathu!

⁴⁶ Kodwa uyaqaphela apha, Wathi, ekupheleni kwesigaba sebandla, ifike kweyona mbutyulelo de abe Uyakutyhilwa kwakhona njengoNyana womntu, “xa uNyana womntu etyhilwa.” Okunjani ukufaneleka okwakuphixana kwezolo! Kwaye ndiyathemba aniyiphosi.

⁴⁷ Siye saba naso isityhilelo soNyana kaThixo, kodwa isithembiso sokugqibela awathi u-Abraham wanaso phambi kokuba unyana enziwe. . .okanye aziswe ebukhoneni, lowo wayemthenjisiwe; phambi kokuvela konyana wesithembiso, uThixo wazibonakalisa Buqu phaya eSodom njengomProfeti, ekubeni eyiNdoda, enyameni, uThixo. U-Elohim, njengoko bendive othile eyithetha ngethuba elidlulileyo, iNtloko-buthixo ngokusemzimbeni yayikuYe. Wayeyinzaliseko. U-Elohim yinzaliseko yeNtloko-buthixo, emzimbeni. Kwaye siyaqaphela phaya xa uLote wabona. . .Xa u-Abraham wabona Yena esiza, wathi, “Nkosi yam.” Yayisisithathu saBo. Kwaye ezantsi eSodom, uLote wabona ababini, waze wathi, “zinkosi zam,” ukusilela kwesityhilelo. Ke qaphela okwenzekayo apha, xa Wenyakayo, indlela Awezenza Waziwa ngayo.

⁴⁸ Asinakho, andinakho ukutsho oku ukuba nje bendisezinwaneni zam, yabona, umzalwana uprofitile xa ebesitsho kum oko wakwenzayo! Namhlanje! Qaphela oko Wakwenzayo kanye emva kokufundwa kwesa Sibhalo. “Kwimihla xa uNyana womntu,” hayi umntu, hayi ukuba ngumntu, “uNyana womntu uyakuzityhila Buqu phakathi kwabantu Bakhe kwakhona.” Namhlanje esi sithembiso, sale yure esithi ngoku siphile kuyo, sizalisekile phambi kwamehlo angawethu. Waguqukela kwamsinya ebandleni, kwaye ishumi okanye ishumi elinesibini, nantoni abantu ababeyiyo phaya, akwazeki, Wenza kwa into ekwanye Awayenzayo eSodom. Namhlanje esi Sibhalo senziwe sabonakaliswa phambi kwenu. Senziwa sanyanisa phambi kwenu.

⁴⁹ Ngoko, mzalwana, dade, bathunywa, balungiseleli bam, nantoni esiyiyo apha, bantwana bakaThixo, sisondele kangakanani eKuzeni Kwakhe ngoko? Ukuba ngoku siyasibona iSibhalo athe Wasithembisa, nje ngaphambi kokuwa komlilo eSodom ukuyitshisa, kwaye ukufanisa lo mhla nokuya, kunye nokubona esa Sibhalo kanye phambi kwamehlo ethu sizalisekiseka, sisondele kangakanani eKuzeni konNyana

kaThixo ngoko? Indlela ekusondele ngayo ukubonakaliswa kweZibhalo, njengoko Wenzayo ngo Abraham, ukuzisa iBandla phezulu, kumfuziselo, ntoleyo waye Esisithembiso eBandleni! Kwaye ngoku siyafumanisa, imbewu yangokwasenyameni ka Abraham, indlela eyasilela ngayo. Kodwa iMbewu yasebukumkanini ka Abraham, ntoleyo ingokokholo kwisithembiso seLizwi, iyabonakaliswa ngoku emhlabeni namhlanje. Sisesiphelweni sexesha, mzalwana, dade wam. Sisekupheleni.

⁵⁰ Kwaye asinawo omnye ongomnye umfuziselo. Kufuneka ndifuzisele iZibhalo ngokuba andinamfundo yaneleyo yokukhupha amawi nezinto. Ndenza umfuziselo. Kodwa ukuba ndiyabona ezithunzi. . . Ukuba andizange ndisibone isandla sam, kwaye ndibone isithunzi, ndiyayazi ndineminwe emihlanu. Kwaye leyo yindlela okufuneka uqaphele imifuziselo yeSibhalo yeTestamente Endala. Yenza ntoni? Ibonisa kwangaphambili ngesithunzi oku. Kwaye uYesu watsho ukuba iSodom yayisisiboniso ngesithunzi sexesha lesiphelo ngoku. Kwaye kwa ezo Zibhalo ezazithenjisiwe kwiSodom, kwa ezo Zibhalo ezazisenzeka eSodom, awathi uYesu ziyakuziphinda kwakhona kulo mhla, zazisiwe kanye phambi kwethu namhlanje.

⁵¹ UThixo anisikelele. Ningayiphosi. Kwaye ukuba andiniboni apha kunyaka ozayo; xa bekhwela iZinyuko zeGolide, ndithemba ukudibana nani phezulu Phaya. UThixo anisikelele.

[IBandla liyancoma. Udade uthetha ngolunye ulwimi, aze emva koko anike utoliko. Umzalwana uyeza kumboko wokuthetha akhokelele ibandla ekuculeni *Uyeza Kwamsinyane*, aze ngesiqabu acuphule. Indawo engananto eteyiphini. Umzalwana uyaqhubeka ecula *Uyeza Kwamsinyane*, aze ngesiqabu acuphule. Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

⁵² Bawo, thina. . . [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] NgokweZibhalo, sibona kubonakalisiwe, phambi kwethu, umqondiso nomfuziselo wokugqibela. AMazwi kaYesu Kristu atsho ukuba oku kunjalo. Njengoko kwakunjalo eSodom, sibona ihlabathi kwimeko yalo, sibona ibandla kwimeko yalo, sibona a—abanyulwa bebizelwa ngaphandle kwalo lonke ihlelo; uBomi, obukwezondawo, buphumela ngaphandle ngoku ukuya kuthabatha ubume beMbewu. Siyathandaza, Bawo waseZulwini, okokuba sonke siyakuvuka ngokukhawuleza.

⁵³ Njengomzalwana osandula kuthi ngoku, uye wabona phambi kobuso bakhe, kwaye xa ebenamhlo akhe evaliwe, nje inyambalala ihamba phambi kwakhe. Owu Thixo, siyavakalelwa ukuba kukho inyambalala engekachukunyiswa. Sincede, Thixo othandekayo. Sanga singahamba kule nkomfa sinesingako isilumkiso entliziyweni yethu, sisazi ukuba namhlanje iSibhalo sizalisekile. EGameni likaYesu. Amen.

54 [UMzalwana uDemos uthi, “Haleluya. Umhleli wethu, uJerry Jensen, ungeza apha? Uninazala wakhe—wakhe akakho zingqondweni, kulungile. Usandula kufumana iindaba. Kwaye bangabalungiseleli beVangeli, abalungiseleli beFoursquare. Nje singa... Yena ngu, ndiyazi uyasindeka kakhulu ngentliziyo. Kwaye, kwaye nje...”—Mhl.] Sandula kuzifumana khona ngoku, sandula kuva khona ngoku? [“Ewe.”] Ingaba balapha? [“Hayi, ba, baseLos Angeles. Kwikoma.”]

55 Umgama asingomahluko kuThixo. Ungokho-ndaweni-zonke. Kufanele abenjalo, ukuze abe nguThixo. Ezinye zezinto ezinkulu endaziyo ngazo ezenziweyo, kulungiselelo lwam oluthobekileyo, zingemfonomfono, okanye umtu othile atsale umxeba, izinto ezinkulu zenzekile. Masivumelane sonke ukuba uThixo uyakubaphilisa ababantu bagulayo.

56 Thixo Othandekayo, sibazisa eBukhloneni Bakho, ngomthandazo. Siyazi ukuba ngobunye ubusuku kwakukho umpostile owayevallelwe kuzo zonke izinto ngoko; wayesentolongweni kwaye wayezakunqunyulwa intloko kusuku olulandelayo. Ezantsi endlini kaYohane uMarko babenomhlangano womthandazo, kwaye ngaphakathi kwezo zisele zingaphakathi nako kusiza laa Ntsika yoMlilo ikwane eyalandela abantwana bakaSirayeli, okanye abantwana bakaSirayeli bayilandela Yona entlangano; yangena kanye ngaphakathi, ngenxa yalamhlangano womthandazo, yaza yavula lonke isango, yaza yakhuphela ngaphandle estratweni umpostile kwakhona, wakhululeka ukuba ashumayele.

57 Siyaqonda ukuba aba balungiseleli, abantu abazimishinari, babophelelekile ngoku, ba—bakwikoma nakalokunje. Nkosi, Usekwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Yiva umthandazo wethu ngobubusuku, Owu Thixo. Uthe, “Xa nithandaza, kholwani ukuba niyakwamkela oko nikucelayo, kuyakunikezelwa kuni.” Nkosi, siyakholwa, kwaye sithandaza oko eGameni likaYesu, okokuba uyakubaphilisa, Nkosi, ukwenzela uzuko Lwakho. Kutshiwo, kuceliwe, ngoku makwenzeke. Amen.

58 UThixo akusikelele, Jerry. Uyakholwa kunye naye. [UMzalwana uJerry Jensen uthi, “Amen.”—Mhl.]

UMzalwana uDemos.

59 [UMzalwana uDemos Shakarian uthi, “Enkosi, Mzalwana uBranham; Jerry. Makabongwe uThixo. Ndiyathanda nje ngokukhawuleza ukuba amadoda aphakame. Mzalwana u-Arganbright, omnye woomongameli bezizwe; phakama, Mzalwana uMiner. Jack Moore, phakamani. Clifford Ford. Doerflein, osuka eSeattle. Charles Colonel Young. Enock Christoffersen, Turlock. Jess Winemore. Ike Akamine, osuka eHawaiian Islands. Bethu, indlela esikelele ngayo! Indlela asikelele ngayo imphefumlo yethu apha, ngenye imini.

Ndiyamthanda. Ungunozakuzaku wethu we U. S. okhonze phantsi koomangameli abasixhenxe, uGerald Roll; William Roll, uThixo akusikelele, mzalwane. Gqr. Ray Marlin...?...! UThixo asikelele uRay...?...! Earl Prickett.”—Mhl.]

⁶⁰ [UMzalwana uShakarian uthi, “Kwaye uMzalwana uBranham unikwe ubulungu bentlonipho, ubulungu bobomi, ngokugcweleyo egameni lakhe. Kwaye omnye wabambalwa ovotelweyo, yibhodi yoomangameli, kwimnyaka emininzi edlulieyo.”]

Enkosi, mzalwana.

⁶¹ [UMzalwana uShakarian uthi, “NoMzalwana uCarl Williams, omthanda kakhulu.”]

⁶² [UMzalwana uShakarian uthi, “NoMzalwana uHenry Krause, umvelisi makhuba. Jewel Rose, onongxowa-nobhala wethu. Umfama, Frank Foglio, kwi...?...Kwaye andikwazi kucinga ngawe; andikwazi.” Umzalwana uthi, “NguDerrick Fredo.” UMzalwana uShakarian uthi, “Owu, Mzalwana Derrick...?..., indlela esiluxabise ngayo ulungiselelo lwakhe! Bethu, kwaye olumangalisa kakhulu, no—nokungako! Gqr. Stanley, osuka eCanada, empuma yeCanada.”]

⁶³ [UMzalwana uShakarian uthi, “Mzalwana Howard Ervin, ndikubona emva phaya, Howard Ervin. Kwaye sisandula kuba neyakho... Yayingu anti othe...?..., Sisandula kumphakamisa, ithuba eligqithileyo, Howard, ngelixa ubukunye nabantu abatsha.”]

⁶⁴ [UMzalwana uShakarian uthi, “Kwaye ndingathanda ukubona lamfanekiso kaMzalwana uBranham, kumashumi amabini eminyaka eyagqithayo.”] Huh!

⁶⁵ [UMzalwana uShakarian uthi, “Mzalwana Norwood, Mzalwana Norwood osuka eKansas City. Mzalwana uBen Smart osuka eColorado. Herbert Bond, osuka eLos Angeles, omnye woomangameli besahluko saseLos Angeles, esenza umsebenzi omkhulu phaya. NoFred Watson, umalusi ehleli khona ngaphaya, ekoneni. Art Wilson apha, kwaye asibanga nandawo yaneleyo apha yakhe, ngoko uye wahlala namanenekazi onke. Kwaye onke amanenekazi apha angabafazi boomangameli. Nani nonke nina bantu abamangalisayo!”]

⁶⁶ [UMzalwana uShakarian uthi, “Ingaba ndiphose nawuphi ongomnye? Abanye babanye oomangameli bagodukile izolo. uDarrell Hon...?...kuye kwafuneka bemkile. Ke masibonise la madoda sixabise yonke imigudu yawo, ngoko.” Abazalwana bathi, “Enkosi. Enkosi.” IBandla liyancoma. UMzalwana uShakarian uthi, “Amen. Kwaye andiphosanga namnye umntu.”]

⁶⁷ [UMzawlana uShakarian uthi, “Mzalwana uBranham. Yiza apha, Mzalwana uBranham. Uyamqonda *la mfo?*”]

Hayi, mhlekazi. Inguqu eninzi kusukela ngezo mini, bazalwana.

[UMzalwana uShakarian uthi, “Yiza apha. Howard.”]

⁶⁸ [UMzalwana uShakarian uthi, “Wayengumfo omhle kakhulu, kwaye usemhle, Mzalwana uBranham. Kwaye lowo ngumfanekiso omhle.”]

⁶⁹ [UMzalwana uShakarian uthi, “Kwaye senze u-anti wakho aphakame kwixesha eligqithileyo, naye. Kwaye mhlawumbi ungathanda ukutsho ilizwi, Howard.”]

⁷⁰ [UMzalwana uHoward Ervin uthi, “Phakathi kweshumi elinambini neshumi elinesihalnu leminyaka egqithileyo, u-Anti Edith waphiliswa kwisifo sikaRaynaud, ntoleyo ndiyiqondayo ayinyangeki ngokwasemayezeni. Andazi nokuba uMzalwana uBranham ukuxelele imeko. Kwaye andazi nokuba ndingathanda nje ithuba elinye ukwenza njalo. *Eli* likhadi lakhe awalifumanayo ukwenzela umga wempiliso. Zange afike kungca wempiliso. Wayehleli, ehleliswe kumqolo wesibini, eholweni apha ePhoenix. UMzalwana uBranham wayeshumayele intliziyo yakhe, wayedinwe nje kakhulu ukuba angathandazela abantu. Kodwa ngequbuliso wajonga ezantsi kuye, wajonga nkqo kuye, waze wathi, ‘Wena ungaphiliswa ukuba uyafuna.’ Kwaye u-anti wemka kula mhlango, ephilisiwe, kwaye usaphilisiwe.”]

⁷¹ [UMzalwana uShakarian uthi, “Yayiyinkxwaleko enganyangekiyo. Yayingenjalo?”]

⁷² [UMzalwana u-Ervin uthi, “Ewe. Ndiyaqonda ukuba isifo besinganyangeki. Kwaye oogqirha bethu apha bayakundijonga; ndingongeyongcali emayezeni. Kodwa ndiyaqonda ukuba sisifo semithambo-luvo, esihlasela okunye okufanayo neqhenkqa. Imithambo-luvo iminxaxinxaxi uhambiso gazi, kuze ekugqibeleni iminwe ibole nje ize iwe. Kwakukho utyando lonyango olunye, logqirha otyandayo eMpuma, wabaxelela ukuba babenokulwenza, kwaye oko yayikukusika umthambo-luvo *apha*; kodwa, ukuba babekwenzile, wayeyakuba ngumfuno. Kodwa uThixo, ngamandla Akhe amakhulu, wamphilisa, kwaye uphilisiwe namhlanje.”]

⁷³ [UMzalwana uShakarian uthi, “Masimenze nje aphakame kwakhona, emva phaya.”]

[UMzalwana u-Ervin uthi, “Ungaphakama, Anti Edith?”]

⁷⁴ [UMzalwana uShakarian uthi, “Kwaye nantsiya, amakhulu amabini eminyaka kamva.” UMzalwana u-Ervin uthi, “Ishumi elinesihlanu leminyaka elagqithayo.” UMzalwana uShakarian uthi, “Ishumi elinesihlanu leminyaka kamva.” UMzalwana u-Ervin uthi, “Ishumi elinesihlanu leminyaka eyagqithayo.”]

⁷⁵ Enkosi Nkosi! Kukho indoda enye abayishileyo. Sonke siyamncoma uMzalwana uShakarian. Asinjalo? Wonke ngamnye wethu! [IBandla liyancoma—Mhl.]

[Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] . . .yiba
 nje ngoYesu,
 Emhlabeni . . . ukuba njengaYe;
 Konke ngohambo lobomi, ukusuka emhlabeni
 ukuya eLuzukweni,
 Konke endikucelayo, kukufana naYe.

Masithandazeni.

⁷⁶ Bawo waseZulwini, singabona ngengqikelelo ngobubusuku Wena ume ecaleni lodonga kwaye ujonge abantu besiza kwaye bebeka kuvimba kaThixo. Kwaye Wabona lo mhlolokazi esiza nje nencinci imalana, nje iipeni ezimbalwa zesishumi, mhlawumbi enabantwana ekhaya, kodwa wayenomdla ebuKumkanini. Akukho ntandabuzo okokuba oko kuphindiwe ukulinganiswa kwakhona ngobubusuku. Ibe ngabantu abaninzi abafakileyo, okwako konke abanako okanye ngokwenzekayo bonke bafakile kanye apha kulo mnikelo, ngokuba kubekwe kakhulu phambi kwethu, okokuba kukho isidingo, kwaye iintliziyo zethu zikoku, Bawo.

⁷⁷ Bendisoloko ndicinga, mhlawumbi ukuba bendimile phaya, ibindim ojonge kulaa mhlolokazi, bendiyakubalekela kuye ndithi, “Sukuyenza, dade. A—asiyidingi.” Kodwa mhlawumbi ibiyakuba kokungalunganga. Zange wamxelela ukuba angayenzi. Wema nje wambukela eyenza, kuba Wazi ngokusuka entliziweni yakhe, Uyakumbuyekeza ngokuya.

⁷⁸ Bawo, ndiyazi ukuba Wena wazi izicamango zayo yonke intliziyo ebekwe apha ngobubusuku, noko kungayo. Iyeyesizathu soBukumkani, Nkosi, okokuba i . . . lo msebenzi esiwonwabela ngokumangalisayo kakhulu, kwaye nobu budlelwana, Nkosi, bawo onke amakhulu amahlelo ehlabathi. Sivakalelwa ukuba singabona banenyhweba abantu ukubalapha ngobubusuku eBukhoneni bukaThixo, sisiva eli Lizwi likhulu liphuma kwaye libonakalaliswa, liqondakalisa uThixo ephakathi kwethu!

⁷⁹ Thixo, nikeza kuye wonke ubani apha njengoko enesidingo. Siyathandaza ukuba Uyakusikelela umnikelo ngenjongo yokusetyenziswa kwawo. Sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

UThixo anisikelele.



NAMHLANJE ESI SIBHALO SIZALISEKILE XHO65-0125
(This Day This Scripture Is Fulfilled)

Lo Myalezo ngoMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoMvulo, ngo-Janywari wama-25, 1965, ukwenzela ikomfa Yobudlelwana Bamadoda Angoosomashishini beFull Gospel International eRamada Inn ePhoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org